

KUFUNEKA KUHLAZIYWE ZONKE IINKCUKACHA ZEEMITHA ZOMBANE EZIHLAWULELWA NGAPHAMBI KOKUBA UZISEBENZISE (KWANGAPHAMBILI)



Kubhekiselelwe kubaxumi bethu esibaxabise kunene abaseAtlantis, ePella naseMamre

Ubuxhakaxhaka bobuchwepheshe bazo zonke iimitha zombane ezihlawulelwa ngaphambi kokuba usebenzise umbane eMzantsi Afrika buyakuthi buphelelwe ngowama2024.

Kufuneka ke ngoko kuhlaziye iimitha zombane ezihlawulelwa ngaphambi kokuba uzisebenzise okanye kungenjalo awuzukubanakho uphantsha umbane kwitokeni yakho entsha; kwaye uyakuhlala ungenalo ubonelelo ngombane.

Ukuhlaziya kweemitha zombane kwenziwa ngokwezigaba kwinqila yaseKapa iphela, apho kuthi kuqalise eAtlantis, ePella naseMamre.

Abaxumi abangahlali kwimimandla yaseAtlantis, ePella naseMamre akusayi kuba yimfuneko okwakalokunje ukuba bahlaziye iimitha zabo zombane kwaye abasayi kufumana ngokuzenzekelayo iikhowudi zohlaziyo xa bethenga umbane wabo ngokwesiqhelo.

Yenza ngokwakho

Xa indawo yakho ihlaziya ngokungqinelana neshedyuli yohlaziyo, uyakuthi ufumane **iikhowudi ezimbini ZOHLAZIYO** ezihamba nentengo leyo yakho yombane.

Landela la manyathelo alula xa ufaka itokeni yakho yohlaziyo:

1. Faka amanani okuqala angamashumi amabini (20) angekhowudi yohlaziyo kwaye ulinde ukuba lamkelwe.
2. Faka amanani esibini angamashumi amabini (20) angekhowudi yohlaziyo kwaye ulinde ukuba lamkelwe.
3. Faka amanani esiqhelo angama20 etokeni yakho okufaka umbane kwiyunithi yakho yesiqhelo.

Inkoliso yabaxumi ikhetha ukuzihlaziya ngokwabo iimitha zabo zombane. Ukuba ufuna uncdo, qhagamshelana kunye nathi:

- I SMS: 31220
- limeyile: power@capetown.gov.za
- Iziko lokufowunela uncdo: 0860 103 089

Iqela leSixeko elingamalalela liyakuthi lincede xa kuyimfuneko

Amaqela eSixeko angamalalela ukuze ancedisane nabanini bamakhaya ngolu hlaziyo. Kuthi kulandelwe yonke imiqathango engezempilo nokhuseleko kwintsholongwane iCovid-19 xa kundwendwelwa amakhaya. Amaqela athi aphaathe iinombolo zokuzazisa nezeodolo zomsebenzi. Fowunela iziko loncedo leSixeko ukuze uqinisekise.

www.capetown.gov.za



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD



Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.